



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

FEBRUWARI/MATSHI 2013

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-14.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Ulwimi	(30)

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.
3. Phendula YONKE imibuzo.
4. Qala iCandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Nombola impendulo nganye kanye ngokwendlela enonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo Iwezivakalisi.
8. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:
- | | |
|-------------|-------------------------|
| ICANDELO A: | Malunga nama-50 emizuzu |
| ICANDELO B: | Malunga nama-25 emizuzu |
| ICANDELO C: | Malunga nama-45 emizuzu |
9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

Funda isicatshulwa A kunye nesicatshulwa B wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A**INKQAYI INGENA NGENTLONTLO**

- | | | |
|---|---|----------------|
| 1 | UVuyani Zenzile wayefundisa eCharles Morgan eGinsberg, kufutshane nedolophu yaseQonce. Wayengemdalā kuyaphi kuba wayephantse ukufinca amashumi amathathu anesithathu. Wayenesidima nesithozela lo mfo, entsundwana nje ngebala, enodevana olunqalwe kakuhle. Wayethe ncothu esukile egadeni ebonakala kwangokuhamba oku ukuba umfo lo unamatshamba, kwaye ulikhwezi kwinto yonke ayenzayo apha esikolweni. Inqununu yakhe yona, into kaLwana uRhadebe, wayengaziva ngalo mfana ingakumbi xa kufikelelwē kwixesha lomculo kuba wayengabhexeshi wayesusa amaphepha. | 5 |
| 2 | Kwalapho kweso sikolo kwakukho isiqhuza setitshala eyayibizwa ngelikaJola. Eso siqhuza sasemaMpondomiseni sasithanda ukubona oogxa baso bonwabile, ngoko ke sasinamabalana anoburharha esasithanda ukuwabalisa. Ngenye imini uSimilo, owayengutishala omtsha kweso sikolo, wafumana incwadana evela komnye wootitshalakazi balapho, eyayiphalaza iindaba zothando, kwaye imbongoza ukuba maze alinde xa kuphuma isikolo. Loo leta yamtsho lo mfana wanolu lukaBlankethe esithi, "Kazi ndibonwa yintoni na?" Saphuma ke isikolo, wahamba uSimilo waya ngasegumbini likaNozibe, wafika wangqunga. Kungekudala ke yaphuma intombi yasemzini yabulisa nje, yonda ngamasango ingabhekisanga nelimdaka. Washiyeka apha ke lo mfana ethe shwamnce. | 10 |
| 3 | Baphuma ootitshala kweline igumbi sebekhokelwa nguJola begquzugquzuka yintsini. Kwaqala kwasa ke ngoko kuSimilo, wawubona umoya apha uvela ngakhona. "Yintoni madoda! Ningathini ukundenza nje ndifika nokufika?" Watsho uSimilo. "Hayi wena mfan'akuthi, sisakungenisa nje ekhaya." Waphendula ngelitshoyo uJol'inkomo. Wayengayenzi kootitshala abatsha kuphela loo nto uJola, wayekhe ayenze nakumaggala, phofu eyolisa nje udlubu. | 15 |
| 4 | Ngaminazana ithile wadibana nabanye ootitshala ngenjongo yokuntlonta uVuyani. Ngeli xesha abhunga uVuyani, uxakekile omdala ziincwadi zabantwana. UJola neqela lakhe babhalela uLizeka Ntwana, ongomnye wootitshalakazi balapho, bathumela umntwana okokuba ayise kuye. Yaphendula intombi yaza yanikela kwa-umntwana lowo. Ahleka oma amadoda esakufumana impendulo. | 20
25
30 |

5	UVuyani wothuka yena xa efumana ileta ebhalwe "Bra Vido" ngaphandle, waza waqonda okokuba ibhalelw yena. Waqonda zisuka umfo kaZenzile ukuba inonyawo lwemfene loo ncwadi, waza wayithi hiasi waya emadoden, wafika elindwe ngentsini. Wathi esakuyiva ingombolo waya kuLizeka esiya kucela uxolo, emchazela kananjalo intsukaphi yeleta ebeyifumene. "Ndigqiba unyaka ngoku ndilapha besele ndithe nqa okokuba undiyek iinyanga ezingaka, kwale xa kuphela unyaka uze kundixeleta okokuba uyandithanda". Watsho uLizeka. "Uxolo wethu, Miss, ndintlontwe nguJola, kwaye uyayithanda le nto ayenzayo." "Ndikuxolele noko, titshala. Bendingenakuze ndikunqalele ngaloo nto."	35 40
6	Ngenye imini inqununu yahlanganisa bonke ootitshala bayo ngenjongo yokuxoxa imibandela yesikolo. Omnye wemiba eyayiza kushukuxwa aphi kukonyulwa kootitshala ababini ababeza kuya kumela isikolo kwinkomfa yophuhliso Iwezemfundu eCentral Hotel eQonce, ngoLwesibini weveki ezayo. "Khanitsho ke manene nani manenekazi," Yatsho inqununu. Ngoobani abaza kuya kusimela kule ngqungquthela? Konyulwa inenekazi elimanz'andonga elinguLizeka Ntwana nenene elinguZenzile ngokwecebiso likaJolinkomo. Bayalwa ke abo bonyuliweyo khon'ukuze bazimisele kuloo nkomfa kuba besiya kumela isikolo.	45 50
7	Loo ngqungquthela babesiya kuyo yayiza kuthabatha iintsuku ezintathu zonke. Ukuya kwesi sibini kule nkomfa yaba sisiqalo sokuhambisana kwaso. Emveni kwenkomfa babuyela esikolweni uVuyani noLizeka bebhonxile yingxelo sebengxamele nokuyityekezel koogxa babo. Balinikwa ke elo thuba baza batyatydula, bexhasana, bencedisana bade baqongqotha konke.	55
8	UZine Koyana wayengomnye wootitshalakazi ababengayithandi into yokuhambisana kukaVuyani noLizeka. Wayithatha ishushu injalo waya kuyithi thaca phambi kwenkosikazii kaVuyani. "UVuyani uyathandana phaya esikolweni kanye nenyi i-Mistress, kwaye loo nto ithath'unnyawo mihla le." Wathi engekaggibi suka weva ngeshushu impama. "UVuyani ngumyeni wam, uyandiva?" Yatsho le mazi sele ibomvu ngumsindo. "Ndithi kuwe uVuyani yindoda yam kwaye andibekanga mapolisa okuba makagade aphi anyathela khona. Nithanda gqitha ukuqhekeza imizi yabantu."	60 65

[Sicatshulwe kwincwadi ethi, KUPHILWA NGAMNTU ebhalwe ngu MD, Dinginto amaphepha 1–6 saza sahlelw]

QAPHELA: Phendula yonke imibuzo usebenzisa amazwi akho, ngaphandle kokuba ucelwe ukuba ucaphule.

Kwiimpendulo ezifuna igama elinye bhala kuphela inombolo yombuzo negama elifunwayo.

1.1 Jonga kumhlathi 1

1.1.1 Esi sihloko sithi, 'Inkqayi ingena ngeentlontlo' sisenza silindele ibali elingantoni?

(1)

- 1.1.2 Sasikweyiphi indawo isikolo awayefundisa kuso uVuyani Zenzile? (1)
- 1.1.3 UVuyani Zenzile wayengumntu ondilisekileyo, xhasa olu luvo. (1)
- 1.1.4 Xa kusithiya wayelikhwezi kuyo yonke into ayenzayo uVuyani Zenzile kuthethwa ukuthini? Cacisa. (2)
- 1.2 Jonga kumhlathi 2**
- 1.2.1 Khankanya indlela uJola awayesonwabiswa ngayo oogxa bakhe. (1)
- 1.2.2 Wawusithini umxholo weleta eyayibhalelwwe omnye wootitshalakazi besi sikolo? (1)
- 1.2.3 Chonga ibinzana eliphuhlisa uncumo olukhulu. (1)
- 1.3 Jonga kumhlathi 3**
- 1.3.1 Kulinedise njani ibali ukungaxelwa koyena mbhali weleta kulo mhlathi? (2)
- 1.3.2 Yintoni eyayibangela ukuba ootitshala baphume sebegquzugquzuka egumbini? (1)
- 1.3.3 Ngumntu onjani oyolisa udlubu? (1)
- 1.4 Jonga kumhlathi 4**
- 1.4.1 Chaza enye intlonti eyenziwa nguJol'inkomo neqela lakhe efumaneka kulo mhlathi. (2)
- 1.4.2 Chaza ifuthe lokusetyenziswa kwebinzana, 'Ahleka oma'? (1)
- 1.5 Jonga kumhlathi 5**
- 1.5.1 Kuthethwa ukuthiwani xa kusithiya 'waqonda ukuba inonyawo lwemfene loo ncwadi? (1)
- 1.5.2 ULizeka ungamchaza njengomntu onoxolo okanye ongenaxolo ngokwesicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.6 Jonga kumhlathi 6**
- 1.6.1 Sizathu sini esabangela ukuba uJolinkomo acebise ukuba konyulwe utitshala notitshalakazi? (2)
- 1.7 Jonga kumhlathi 7**
- 1.7.1 Baqala nini uVuyani noLizeka ukuthandana? (1)

1.8 Jonga kumhlathi 8

- 1.8.1 Ngubani owathi wabalasela ngokungayithandi into yokuthandana kwesi sibini sibhalwe ku-1.7.1? (1)
- 1.8.2 Wenza Ontoni lo umbhale ku-1.8.1 ukubonakalisa ukuba wayengayithandi into yokuthandana kukaVuyani noLizeka? (1)
- 1.8.3 Ngokolwakho ulovo ungathi uZine Koyana wenza into efanelekileyo okanye engafanelekanga? Xhasa impendulo yakho. (2)

ISICATSHULWA B



(Ithathwe kuvimba wabevi)

QAPHELA: Phendula yonke imibuzo usebenzisa amazwi akho, ngaphandle kokuba ucelwe ukuba ucaphule.

- 1.9 Aba bantu babini bakulo mfanekiso babonakala:
- A bengamapolisa
 - B bengoonesi
 - C bengabafundisi-ntsapho
- (1)
- 1.10 Xhasa impendulo yakho eku-1.9. (1)
- 1.11 Yintoni ebonakalisa ukuba bakhona abanye abantu abasebenzela kweli gumbi bahleli kulo? (1)
- 1.12 Thelekisa indlela esinxibevelana ngayo isicatshulwa A nesicatshulwa B. (2)
- [30]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2: SHWANKATHELA NGAWAKHO AMAZWI**

Funda ngocoselelo ISICATSHULWA C esingeantsi. Kwesi sicutshulwa kunikwa iingcebiso ngeendlela zokugcina ubudlelwane phakathi komfundu notitshala.

QAPHELA: Kulindeleke ukuba wenze oku kulandelayo:

- Shwankathela ngawakho amazwi ngezivakalisi ezipheleleyo, ungadluli kumagama angama-70.
- Esi sicutshulwa singokugcinwa kobudlelwana obububo phakathi kukatitshala nomfundi.
- Ungashwankathela ngeengongoma ezisi-7 OKANYE ngomhlathi.
- Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko sesishwankathelo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococoeko.

(7)

(3)

ISICATSHULWA C**GCINA UBUDLELWANE OBUBUBO NOTITSHALA WAKHO**

Amaxesha amaninzi thina nootitshala bethu sihlalisana ubomi bempuku nekati esikolweni. Ezi ngcebiso zingalubangula ulwamvila kule ngxaki.

Zisuka nje, qinisekisa ukuba uyayiqonda into emkhathazileyo utitshala wakho. Kaloku ukuba akuyazi intsusa yembambano awusayi kukwazi kwaphela ukuzithethelela malunga noko nixambulisana ngako. Funa ingcaciso ungoiki. Ewe, njengabantu abadala bonke, notitshala akafuni kuthethiswa kodwa kuyamthoboza ukubona inkathalo yakho ingakumbi xa uvuma ubonise ukuzimisela ukutshintsha imeko.

Akukucacisela eyona ngxaki, zifake kwizihlangu zakhe, ucinge ude ubone ngolu hlobo abona ngalo. Cingisia ukuba yintoni enokukhathaza umntu kuloo nto uyenzileyo. Masithathe imeko apho usuke uphume ngomnyango efundisa uze ubuye, ubungakhange uthethe nto naye, nokuba wena uyazazi ukuba ubutshutshiswa sisusu sakho esikukhathazayo. Kaloku nawe akunakuyithanda xa isebla kuwe loo nto.

Akukho nto iluncedo njengokucela uxolo ngenene nangenyaniso. Loo nto ayithethi ukuba akunamandla, koko iyakunceda, ikwenza umntu. Mhlawumbi ungathi, 'ndiyaxolisa titshala, ndiyazohlwaya, ndinga andingephindi ndiyenze le nto kuba isikhathaze sobabini.

Zama ukukhetha amagama uze uwasebenzisele ukubonakalisa ukuba nobulali, ungampwenduli rhabaxa kuba ukuxabana kungaya kunyukela. Bambi bakhetha ukungamhoyi umntu omdala ethetha, omnye asuke acule okanye omnye anyevule. Zonke ezo zinyusa izinga lengxabano. Kulunge kakhulu ukuthoba intloko ungamthi ntshoo emehlweni umntu omdala ethetha njengoko usenza nakowakho umzali. Nokuba uyenyuka yena ngelizwi, wena zithobe, umamele, ungadinwa, wamkele. Xa wenze njalo nokuba ubhabhazele namhlanje akanakuphinda abhabhazele kwityeli elizayo uya kucingisisa.

Sukumxokisa. Oko kukuphelisa nya ukuthembana phakathi kwenu obekuhleli kunqaphele kakade. Kaloku yakufumaneka inyani liqala phantsi kwakhona idabi. Uyakuthanda akafuni nto yenza iyantlukwano phakathi kwenu.

Mamela iingcebiso zakhe, zingaluncedo ngakumbi. Kaloku umazi wendlela ngowakhe wayihamba. Abanye basuka badwanguze, bazibhuqe phantsi babe nesinqala besenziwa kukungaqondi.

Indlela eya kwititshala yakho isisithabazi, yisebenzisele uloyiso lwakho. Bubaluleke kakhulu ubudlelwane phakathi kwenu. Kwaye sukunqwenela ititshala yomnye. Khumbula ukuba elowo umntu unesiphiwo sakhe. Kukho akwenzayo okungenziwayo ngomnye utitshala.

(Ithathwe kuvimba wabevi)

[10]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: ULWIMI**UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEO-NTENGISO****QAPHELA:**

- Kwiimpendulo ezifuna igama elinye bhala kuphela inombolo yombuzo negama elifunwayo.
- Kwimibuzo ekukhethwa kuyo, bhala inombolo yombuzo kuphela kunye nonobumba A–C wempendulo echanekileyo.

Funda esi sibhengezo-ntengiso (ISICATSHULWA D) esikwiphepha elilandelayo uze uphendule imibuzo ebuziwego.

“Sikwazisa ngendalela eqaqambileyo”

SISHIYA UMZILA ONGACIMIYO EZINGQONDWENI ZABANTU!

UKUBHENGEOZA | UKUDIZAYINA | UKWENZA IWEBHU

Senza iilogo nezixhobo zokubhala, amakhadi oshishino naweminqweno emihle, iimagazini, amaphephandaba

IINKONZO ZETHU ZIQUKA:
Iindlela eziphucukileyo zokuhlumisa amashishini.
Ukwenza iiwebhu.
Ukwenza imizobo yeevenkile

FUMANA IWEBHU NGEXABISO ELINGAMA
R299 NCENYANGA

INTAKA EVUKA MVA IKHOLWA ZIZAGWEBA

Sitsalele umnxeba: 041 504 8600/14
khaya@xspark.co.za | www.xspark.co.za

[Sicatshulwe kwimagazini iButho iphepha lesi-4 sahlelwa]


- 3.1 Xela injongo yokusetyenziswa kwesilogani kwisibhengezo- ntengiso. (1)

- 3.2 Sijoliswe koobani esi sibhengezo- ntengiso? (1)
- 3.3 Khankanya into ibe nye eyaziwa ngokuqaqamba ekwesi sibhengezo. (1)
- 3.4 Nika intsingiselo yeqhalo elithi 'Intaka evuka mva ikuholwa zizagweba'. (2)
- 3.5 Isimnini u 'zethu' sisetyenziselwe ukupuhlisa yiphi injongo? (1)
- 3.6 Chonga ibinzana elisetyenziselwe ukuba abathengi bazine benyanzelekile ukuza kweli shishini. (1)
- 3.7 Izibhengezo zisebenzisa isixhobo esilunyanzeliso. Khetha igama elisetyenziselwe loo njongo. (1)
- 3.8 Xa besiya kwenziwa nguwe esi sibhengezo-ntengiso, zinkonzo zini ezimbini obuya kuzongeza kwezi ezingqamene nolu shishino? (2)
- [10]**

UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI**QAPHELA:**

- Kwiimpendulo ezifuna igama elinye bhala kuphela inombolo yombuzo negama elifunwayo.
- Kwimibuzo ekukhethwa kuyo, bhala inombolo yombuzo kuphela kunye nonobumba A–C wempendulo echanekileyo.

Funda le khathuni (ISICATSHULWA E) ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA E

- 4.1 Nika isizathu sokusetyenziswa kwefonti enkulu kwigama, Garfield. (1)
- 4.2 Ibonakalisa ntoni le nkwenkwe xa isithi 'Katana' kule kati? (1)

- 4.3 Bhala intetho kaKukhanyakwelanga ekwibhokisi yesi-4 ethi, 'Hayi asingovobe lo.' ibe kwimo evumayo? (1)
- 4.4 Isibizo 'ntongana' senze msebenzi mni kwisivakalisi esikwibhokisi yesi-5? (1)
- 4.5 U'HELE' uphuhlisa ntoni ngokwendlela asetyenziswe ngayo kule khathuni? (1)
- 4.6 Xa le kati isithi kule nkwenkwe mayithathe iinwele zekati izitye ibonakalisa:
- A ukuyigezela
 - B ukuyicenga
 - C ukuyihlonipha
- 4.7 Xa ubuyile nkwenkwe kusithiwa yitya iinwele zekati ubuza kuva njani wena? (1)
- 4.8 Ingaba lo mzobi wale khathuni uyibonakalisa njani indelelo kule kati?
Kwimpendulo yakho qaphela umzobo okwibhokisi yesi-3. (1)
- 4.9 Le khathuni iyonwabisa. Xhasa olu luvo. (1)
- 4.10 Yeyiphi injongo ephunyezwe ngumbhali ngokuzoba le khathuni? (1)
- [10]**

UMBUZO 5: ULWIMI NEZAKHONO ZOKUHLELA

QAPHELA:

- Kwiimpendulo ezifuna igama elinye bhala kuphela inombolo yombuzo negama elifunwayo.
- Kwimibuzo ekukhethwa kuyo, bhala inombolo yombuzo kuphela kunye nonobumba A-C wempendulo echanekileyo.

Funda esi sicutshulwa singezantsi (ISICATSHULWA F) uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA F

Zinzi izinto ekulindeleke ukuba zenziwe ngumfundsi webanga leshumi ukuze aphumelele emaggabini. Kufuneka abe ngumfundsi **osithandayo** isikolo nonombono. Makaziqhelise ukusoloko **efika** kwangoko esikolweni phambi kweyure eziqala ngayo izifundo, ukuze akwazi ukufumana ithuba lokubethelela umsebenzi wosuku oludlulileyo. Eyona nto ibalulekileyo kukuphulaphula xa ootitshala befundisa. Akufika ekhaya kufuneka afunde wonke umsebenzi wosuku ukuze alungele owosuku olulandelayo. Enye into makamane esithi **gqolo** ukuzivavanya esebezisa amaphepha eemviwo eminyaka edlulileyo.

Kubalulekile ukumana edibana notitshala wakhe xa efuna amcacisele kwizinto ezithile adinga ukucaciselwa kuzo. Loo nto iya kumenza azibone eziphumelela ngokulula iimviwo. Ukuphumelela kwakhe **kakuhle** kuya kumvulela amathuba amaninzi okupuhhlisa ikamva lakhe. Impumelelo enjalo iya kwenza kuchulumance izihlobo nezalamane ingakumbi abazali bakhe. Bambi abazali bade bamenzele ithekoka*z* umntwana wabo ngenjongo yokuvuyisana naye nokumkhuthaza. Kufuneka umntwana ngamnye asebenze nzima ukuze axhamle kwizinwe zabazali bakhe. Yanga ke ingasoloko iqaqambile engqondweni yomntwana ngamnye into yokuba ikamva lakhe lisezandleni zakhe, kwaye ukusebenza nzima kunembuyekezo.

(Ithathwe kuvimba wabevi)

5.1 Khankanya umsebenzi owenziwe ligama 'ukuze' kwisivakalisi esinezantsi.

Zinzi izinto ekulindeleke ukuba zenziwe ngumfundsi webanga leshumi ukuze aphumelele emaggabini. (1)

5.2 Igama 'osithandayo' lisetyenziswe njenge:

- | | |
|---|-----------|
| A | Sibaluli |
| B | Sibanjani |
| C | Sihlomelo |

(1)

5.3 Nika uhlobo nexesha lesenzi esikrwelelwwe umgca ngaphantsi kwibinzana elilandelayo.

... ukusoloko efika kwangoko ...

(2)

- 5.4 Lungisa isiphene sobhalo esikwesi sivakalisi.
 Eyonanto ibalulekileyo kukuphulaphula xa ootitshala befundisa. (1)
- 5.5 Sisetyenziswe njani isifanekisozwi esibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi?
 Enye into makamane esithi **gqolo** ukuzivavanya ... (1)
- 5.6 U-zi kwigama 'eziphumelela' wenze msebenzi mni kwisivakalisi esingezantsi?
 Loo nto iya kumenza azibone eziphumelela ngokulula iimviwo. (1)
- 5.7 Lisetyenziswe njengaluphi udidi lwesihlomelo igama, 'kakuhle' kwesi sivakalisi singezantsi?
 Ukuphumelela kwakhe **kakuhle** kuya kumvulela amathuba amaninzi okupuhlisa ikamva lakhe. (1)
- 5.8 Sipuhlisa ntoni isimamva u-kazi kwigama 'ithekokazi'? (1)
- 5.9 Guqla isenzi esikrwelelwe umgca kwisivakalisi esilandelayo sibe kwisixando sokwenziwa.
 Yanga ke ingasoloko iqaqambile engqondweni yomntwana ngamnye. (1)
[10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70